



# ULihle noLwandle ehlotyeni

Glanice Masilo

Khanyisa Masemola





ULihle noLwandle baya kwithala leencwadi ukuze bafundele iimviwo.

ULihle ulinde phandle. Ukhwaza udadewabo esithi, "Khawuleza Lwandle!"



ULwandle uvala ucango  
lwangaphambili aze athi, "Masiye."

ULihle uthi, "Kutheni unxibe ezo mpahla  
nje?"

Kutheni? Uyagula?"



ULwandle uyancuma aze athi, “Ukuba kuyajika kubande, ndakube sendinxibile!”

ULihle uphendula athi, “Lusuku olushushu ehlotyeni. Unxibele ixesha lonyaka elingelilo!”



Njengoko behamba, uLwandle uthi,  
"Kusesekuseni, ibe ilanga seliphumile."

ULihle uthi, "Ewe, kungoko abantu  
benxibe iimpahla zasehlotyeni!"



ULihle ucacisa athi, “Ngeli xesha lonyaka, ilanga liphuma kwangoko lize litshone kudala kunamanye amaxesha onyaka. Iiyure ezininzi kumhlophe. Amaqondo obushushu aphezulu kakhulu ehlotyeni.”



ULihle ubuza ephelelwe ngumonde athi,  
“Akukhumbuli ukuba utitshala  
wayetheni?”

ULwandle uyacinga aze athi, “Ewe,  
ehlotyeni sisela iziselo ezibandayo.  
Ndifuna isiselo esibandayo!”



ULihle uthi, “Ehlotyeni sinxiba iimpahla ezipholileyo. Abanye abantu bazikhusela ngesambreni elangeni.”

ULwandle ukhalaza athi,  
“Sukukhawuleza, ndiyatsha!”





ULwandle uyahleka aze athi, “Jonga wonke umntu uyazipholisa echibini ekuqujwayo kulo. Masiyokuqubha, kutshisa kakhulu, asinakukwazi ukufunda.”

ULihle unikina intloko.



“Ndithanda iigwava neelitshi,” utsho uLihle ejonge iziqhamo zasehlotyeni ezithengiswayo.

“Ndinxaniwe,” utsho uLwandle ekhefuzela.

ULihle uyancuma aze athi, “Ina, ndize namanzi.”



ULwandle uyakhefuzela aze athi,  
“Kutshisa kakhulu! Liphela nini ihlobo?”

ULihle uyahleka aze athi, “Ingathi  
ngowuziqhelisa, lisanda kuqala ihlobo!  
Kuseza kubashushu kakhulu.”

## —Imibuzo

1. Khangela amagama ama3 kweli bali acacisa ihlobo.
2. Ngubani onxibe iimpahla ezilungele:
  - ubusika?
  - Ihlobo?Cacisa iimpendulo zakho.
3. Ihlobo kwindawo ohlala kuyo lahlukile okanye liyafana neli likweli bali? Cacisa.
4. Bhala izinto ezi2 esinokuzenza ukuze sizipholise.



Ulwazi Lwethu is a Zenex Foundation funded and initiated project to develop a series of graded and leisure African language readers and teacher support materials. This project is targeted at teaching and supporting learners in the Foundation Phase to improve their home language reading and understanding. The readers have been originated in nine African languages in collaboration with Molteno Institute for Language and Literacies, Nelson Mandela Institute for Education and Rural Development, Room to Read South Africa, and Saide. All resources are developed as Open Education Resources (OER).



Your attribution should include the following:

Title: ULihle noLwandle ehlotyeni

Author/s: Glanice Masilo

Translator/s: Sinazo Mgobozi, Bukeka Mahlangabeza

Illustrator/s: Khanyisa Masemola

Assurer/s: Angelinah Dazela

Language: isiXhosa

© Zenex Foundation - Saide 2023

CC BY includes the following elements:

BY  - Credit must be given to the creator

